



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2016

AMANQAKU: 100

IXESHA: liyure 2½

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Isincoko	(50)
ICANDELO B:	Umhlathi omde	(30)
ICANDELO C:	Umhlathi omfutshane	(20)
2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ngqongqo ukuba usebenzise malunga nama:

ICANDELO A:	Imizuzu engama-80
ICANDELO B:	Imizuzu engama-40
ICANDELO C:	Imizuzu engama-30
8. Nombola iimpindulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kweli phepha lemibuzo.
9. Nika impindulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: ISINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

- 1.1 Saluphumelela nzima olo khuphiswano. [50]
- 1.2 Itekhnoloji yale mihla. [50]
- 1.3 Ndiyazidla ngoMzantsi Afrika. [50]
- 1.4 linkqubo zolutsha kumabonakude. [50]
- 1.5 Ukuba yindumasi. [50]
- 1.6 Inkokeli endinqwenela ukuba yiyo. [50]
- 1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho.

1.7.1



[Uthatyathwe ku-www.google.co.za]

[50]

1.7.2



[Uthatyathwe ku-www.google.co.za]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A:

50

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 ILETA ESESIKWENI EYA KUMHLELI

Bhalela umhleli wephephandaba *Isol'ezwe* ileta uncome ukusetyenziswa kwesiXhosa kweli phephandaba. [30]

2.2 ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO

Bhala iSivi neleta eyikhaphayo egameni likaNaomi White ucele umsebenzi kwaJET Stores oza kuvula kwidolophu yakho. [30]

2.3 IRIVYU

Bhala irivyu yencwadi obukhe wayifunda. [30]

2.4 UDLIWANO-NDLEBE

Bhala udliwano-ndlebe oluphakathi komsasazi nomphulaphuli ophumelele ibhasari kukhuphiswano lweOMO. [30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE**UMBUZO 3**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 ISIBHENGEZO-NTENGISO

Bhala isibhengezo-ntengiso semveliso oyithengisayo.

[20]**3.2 IPOSIKHADI**

Bhalela umhlobo wakho oza kuya phesheya kolwandle iposikhadi umnqwenelele uhambo oluhle.

[20]**3.3 IMIYALELO**

Bhala imiyalelo yokungenela ukhuphiswano lomdaniso u*Strictly come dancing*.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100